

PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



GRAIN SA
GRAAN SA

EYOKWINDLA
2015

Ukuba nomhlaba nemice- li-mngeni esijongene nayo



Iingxelo zithi eMelika abaqhubi beebhasi baninzi ngaphezu kwabalimi kwixesha langoku. Olu thelekiso lusenokubonakala lungaqhelekanga kodwa lwenza ukuba umntu azibuze lo mbuzo: “Yintoni enokuqala yenzeke – ngumqhubi webhasi ofuna ukutya – okanye ngumliimi ofuna ukukhwela ibhasi?”

Ukutya kuhlala kuyimpendulo ngalo lonke ixesha! Sisidingo sokuqala sakhe wonke umntu kunye nomoya oneoksijini (umongomoya) nokulala. Iplanethi yethu idinga ukutya okunezondlo ezityebileyo kanti idinga nabantu abakhutheleyo abanokulima oko kutya.

Umhlaba bubutyebi obungaphangalelanga nobuza kudingeka kakhulu ngokuhamba kwex-

sha kwaye buza bunqaba ngenxa yokwanda kwabantu. Luyanda noxanduva lwento eyenzeka kuloo mhlaba njengoko lusanda noxinzelelo lokulima ukutya okuthe kratya kuwo loo mhlaba onqongopheleyo wokulima ezo zityalo. Kutheni ke abantu befuna ukuba nomhlaba? Zibini izizathu eziphambili:

1. Indawo yokuhlala – indawo oyibiza ngokuba likhaya. Umhlaba apho umntu anokwakha indlu ukuze ahlale ngoxolo nangokhuselo apho anezinto zokukwenza oku, umz. amanzi, umbane kunye nococeko.
2. Ukulima – indawo yokulima ukutya kokuziphilisa nokwenza inzuzo. Imisebenzi yolimo yahluka ukusuka kwezi nkalo:

Imagazini yakwaGrain SA
yophuhliso lwabavelisi

Bala Moteng:

- 04 | Ukurhweba okanye ukungarhwebi...
- 06 | Masibuyele emasimini
- 10 | IGrain SA kudliwano-ndlebe... noSolomon Masango



3





UMAKHULU UJANE UTHI...

Ngethuba leli xesha lasehlotyeni lokulima izityalo, siye sazibandakanya kwiprojekthi yokunceda abalimi abayi-855 abalimela ukuziphilisa nabangathathi ntweni ngokulimela umlimi ngamnye ihektare e-1 yombona. Bonke aba balimi basemhlabeni odityanelweyo kwaye naxa ingengowabo loo mhlaba kodwa bayakwazi ukuwusebenzisa. Le yeyona njongo yokufama – ukusetyenziswa komhlaba. Zininzi kakhulu iindlela ezahluka-hlukileyo zokuqesha umhlaba kanti amahlalndinyuka enkqubo nganye kungaxoxwa banzi ngawo. Nangona kunjalo, nokuba luhlobo olunjani lokuqesha, into ebalulekileyo kukusetyenziswa komhlaba – umhlaba ongasetyenziswayo awubobutyebi nakubani kwaye awunancedo emakhaya nakubukho bokutya okwaneleyo kwesizwe.

Zininzi izinto ezithethwayo ngokubuyiselwa komhlaba nangokuxuthwa komhlaba. Kodwa oku asiyongxoxo endiphezu kwayo. Njengeqela lophuhliso laseGrain SA, sizifumana sichaphazeleka ngeziphumo zoku kubuyiselwa komhlaba – ukuba nofikelelo emhlabeni yinxenye ebalulekileyo yokukwazi ukufama. Nangona kunjalo, umhlaba ngumba omnye kuphela – kusadingeka ukuba ube nolwazi ngendlela yokuwusebenzisa, ukufikelela koomatshini nokufikelela kwizinto zamalungiselelo okulima (okanye imali yokuzithenga). Ukuba azikho ezi zinto umhlaba awunakusetyenziswa ukuze ilizwe lethu lilonke lichatshazelwe yilahleko – siya kulahlekelwa kukutya neentsinga, siya kulahlekelwa naligalelo lethu kuqoqosho, okubuhlungu, silahlekelwa lithemba abanalo abantu ezintliziyweni zabo lokuba ngabalimi. Sifanele ukuwujonga ngokuphelela kwawo umba wokubuyiselwa komhlaba nowophuhliso lwabalimi.

Phantse kulula noko ukuncedisa iqela labalimi abambalwa abalimela ukuziphilisa njengoko kukhankanywe ngasentla, abalima ihektare e-1 elowo nalowo kuba bayakwazi “ukukhupha” imali yezinto zamalungiselelo ehektare e-1 (okanye ukuyiqokelela nokuba ibolekwe kwalapha). Basebenzisa izixhobo ezibanjwa ngesandla namandla abo okusebenzisa. Aba bantu babesaneliswa yitoni e-1 evela kwihhektare enye kwaye ibikulingene ukondla usapho kwisithuba sonyaka – ngoku sifumanisa ukuba nabo baza kufumana izivuno ezingaphezu kweetoni ezi-4 ngehektare. Owona mceli-mngeni ngabalimi abanomhlaba olimekayo ongaphezu kweehhektare eziyi-50 – badinga iimveliso zamalungiselelo okulima ezifikelela kwixabiso elingaphezu kwe-R300 000 kungekaqukwa oomatshini. Abanayo imali engako bengakwazi nokuboleka. Aba ngabalimi abatsha abafanele ukufaka igalelo kubukho bokutya okwaneleyo kwesizwe seli lizwe kodwa akukho nto banokuyenza.

Ndiyathemba ukuba xa sinokuqhuba ngokuzama ukugcina ubudlelwane obulungileyo namaSebe ezoLimo noPhuhliso lwaMaphandle sisonke siya kukwazi ukuqubisana nalo mceli-mngeni mkhulu kangaka. 🌱

Yiba nento oyenzayo NGOKUBIWA KWEMFUYO

Inkxalabo enkulu kubalimi KUKUBIWA KWEMFUYO. Nokuba ziinkomo, iigusha okanye yintoni, lowo ngumkhwa owandayo. Ngaphandle kokunyanzeleka ukufaka uphawu okanye umvambo kwimfuyo yakho, kukwabaleleke kakhulu ukubhala iinombolo kwimpahla yakho nganye nganye ukuze ichongeke kwaye ilawuleke kakuhle.

Amava am andifundise ukuba bubulumko ukuyibala yonke imihla imfuyo yakho. Ngokuqinisekileyo oku kuya kubunciphisa ubusela kwaye ngokwenza njalo uya kuba ngumlawuli oyingcali

njengoko kuchazwa kwinqaku elimalunga norhulumente ongenabubele. Abenzi bobubi baya kuwazi amanyathelo akho ukuze bazive bemadolw'anzima ukuya kuba kuwe. Baza kubona ukuba wena ubufumanisa ubusela kwiifure nje ezimbalwa baze balandelwe. 🌱

Inqaku linikelwe nguMarius Greyling, umbhali kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha mariusg@mcgacc.co.za.



Pula Imvula's Quote of the Month

*“I am not afraid of storms,
for I am learning
how to sail my ship.”*

~ Louisa May Alcott

1 Ukuba nomhlaba nemiceli-mngeni esijongene nayo

- Ukuziphilisa, oko kukuthi, ubukho bomhlaba ekunokwenzeka ukuba udiyanelwe okanye uyarentwa apho kulinywa khona izityalo ezikukutya mhlawumbi kubekho nenani elithile lemapha ukuze luphile usapho; ngokunjalo
- Ukuhweba, oko kukuthi, ukuphuhlisa ishishini lokufama apho imveliso izizixa ezikhulu khona ukuze kuthengiswe kwiindawo zentengiso kwelilizwe nasemazweni angaphandle. Liyinene elokuba iifama ezinkulu naxa zimbalwa gqitha ezisebenza njengamashishini ezolimo zilima okona kutya kuninzi okufumaneka ehlabathini namhla.

Abalimi baseMzantsi Afrika baphinda babe phantsi koxinzelelo lokukhulisa amashishini abo kwaye kuya ngokubaluleka ngakumbi ukuba bakwazi ukusebenzisa wonke umhlaba olimekayo kangangesakhono sawo esipheleleyo ukuze baziphilise. Ingxaki abazibona benayo abalimi abaninzi kukuba iindleko zokusebenza nokulima loo mhlaba zikhulisa ukuba ngaphaya kwexabiso lemveliso abayifumana kuwo. Yiloo nto kukho lo mbuzo “Siza kwenza ntoni ngomhlaba?” Lo mbuzo ubalulekile – nokuba ufumene umhlaba ngesinye sezicwangciso zikarhulumente ezifana nePLAS okanye iLRAD. Nokuba yeyiphi imeko okuyo, zisekhona iindleko noxanduva oluza kudandalazisa amandla akho njengomlimi onesakhono nokwaziyo ukuqhuba ishishini elinempumelelo nelenza ukuba uwugcine loo mhlaba. Oku kuthetha ukukwazi ukuhlawula irenti, ukuhlawula iindleko zokulima kunye nokuqhuba ngokuthenga izixhobo ezithande ukuba zitsha nokuhlawulela ukuphuculwa nayiphi into ekudingayo oko efama. Kuxelwa kwayona le mithetho iqhelekileyo yokushishina esetyenziswa nakobuphi ubume borhwebo obuqhelekileyo – ukuba uthenge umhlaba uze ungakwazi kumelana nenzala kunye neentlawulo zokuwuthenga kwiziko lemali loo mhlaba uyakuxuthwa kuwe uthengiselwe omnye umntu.

Makhe siqwalasele ezinye zeengxaki zesiqhelo ezimalunga nokuba nomhlaba nokusebenzisa umhlaba ofanele urhwebo lwezolimo.

1. Asinakuwuyeka nje umhlaba ube lifusi. Banyanzelekile abalimi ukuba bafumane inzuzo ngawo ukuze utyalo-mali lwabo lusebenziseke.
2. Kuyimfuneko ukukucingisa nzulu okuba kwenziwa ngomhlaba. Uphando yinxenye ebalulekileyo kwimpumelelo yeshishini. Uninzi lwabalimi lwenza uhlolo lwefuthe lobume obubangqongileyo (EIA) ukuze bafumanise ukuba yeyiphi imisebenzi eyiyona ifanele indawo yabo.

3. Kufuneka kwenziwe izigqibo ngokuba yeyiphi imisebenzi yokulima efanele ukwenziwa iyeyiphi eza kuba nenzuzo ethe kratya.

4. Makwenziwe uphando malunga nentengiso ukuze kufunyaniswe isakhono seemveliso ezahluka-hlukeneyo. Oku kuquka uhlalutyo lwezidingo zabathengi nezinto abazifunayo nokujonga iziqhelo zexesha elizayo xa kuthelekiswa nemigaqo-nkqubo karhulumente.

5. Kufuneka kwenziwe uhlalutyo lweendleko ngokuqaphela. Oku kuquka iindleko ezingenakuthinteleka – ezo ndleko zifumaneka naphambi kokuqalisa ngokulima umhlaba. Ngaphaya koko umntu makaqikelele ngononophelo iindleko zokulima ezingqalileyo ezimalunga nala mashishini aze azibuze umbuzo othi: “Ingaba inokufumaneka inzuzo kweli shishini?”

Ezi zezinye zeengqalelo ezifanele ukwenziwa xa kuthathwa isigqibo sokufumana umhlaba nokuba uyarentwa okanye uyathengwa.

Yinyaniso ukuba ukufama ngumsebenzi oyindlela ephucukileyo yokuphila ubomi. Umntu uziphatha ngokwakhe kanti ngaphezu koko kukho izinto ezininzi eziluncedo nezinyinyweba. Kodwa phakathi kwezi nyweba ikwakhona nemithwalo noxanduva ngokunjalo ngumlimi ngokwakhe kuphela – ofanele ukuphendula ngayo njengoko iifama zingumsebenzi womntu omnye ubukhulu becala kwaye ekugqibeleni, nokuba iimpazamo zenziwe ngabanye, umlimi eyedwa ujongana nomthwalo opheleleyo wempumelelo ngokubanzi – okanye intsilelo – yeshishini lakhe!

Imithetho emithandathu ebalulekileyo efanele ukukhunjulwa

Umthetho #1: Liphephe ityala – kangangoko unako!

Yinto engafane yenzeke ukuba umlimi asebenze ngaphandle kokwenza ityala kwaphela kodwa kubalulekile ukukhumbula ukuba ukuboleka imali kutya imali. Abalimi abaninzi abebewazi umsebenzi wabo banyanzeleka ukuba balibale ngamaphupha abo bakuba bengasakwazi ukuhlawula amatyala abo yaza yabaleqa ibhanki.

Umthetho #2: Fumanisa indawo oza kuthe ngisa kuyo phambi kokuqalisa ngokulima

Uza kubafumana phi abathengi bemveliso yakho? Ikude kangakanani indawo yeentengiso? Uza kuyigcina njani imveliso yakho kwaye oko kuza kuba neendleko ezingakanani? Ukuba ugcina imbewu yakho kwisisele ufanele ukuyihlawulela loo nkonzo, iya kuba yimalini? Yiba nesicwangciso

“

Umhlaba bubutyebi obungaphangalelanga nobuza kudingeka kakhulu ngokuhamba kwexesha kwaye buza bunqaba ngenxa yokwanda kwabantu. Luyanda noxanduva lwento eyenzeka kuloo mhlaba njengoko lusanda noxinzelelo lokulima ukutya okuthe kratya kuwo loo mhlaba onqongopheleyo wokulima ezo zityalo.

sokuthengisa esicacileyo nesecilungiswe kakuhle lingekafiki ixesha lokuthengisa.

Umthetho #3: Umhlaba mawuhambelane nokona kusebenziseka kwawo okufanelekileyo
Kubalulekile ukusebenza ngocwangco ngendalo. Kuya kukunika iziphumo ezinika ithemba kangangoko ukufumanisa izityalo ezikhula kakuhle phantsi kweemeko ezikuzo nakwimihlaba yemimandla.

Umthetho #4: Lima ngothando olushushu
Ngamafutshane, kufuneka uyithande into oye-nzayo. Ukufama ngumsebenzi onzima kakhulu nothatha iiyure ezininzi kodwa uneembuyekazo ezingephi, ngoko ke abalimi kufuneka bakhuthazeke ngaphezu kokutsalwa yimali nesiqhelo.

Umthetho #5: Seka imigqaliselo enako ukwenzeka

Ukufama ngumsebenzi osoloko uguqu-guquka kwaye nangona umlimi ngamnye ephupha ngoomatshini abahle abangummangaliso nabanegalelo kwimisebenzi eyenzeka lula, kubalulekile uku-ngangxami, wophala kuhle, indawo iyehla!

Umthetho #6: Funda. Buza imibuzo. Yabelana nabanye ngolwazi onalo

Kaninzi ukufunda yinto yokugqibela ekhunjulwa ngabalimi kodwa yimpazamo enkulu ukukubetha ngoyaba oku. Umntu kufuneka ahambe namaxesha anamhla afunde ubuchwepheshe obutsha. Buza imibuzo kwiincutshe, ungawalibali amava eenkonde, uzibambe kufutshane kuwe, inyathi ibuzwa kwabaphambili. Kanti ulwazi onalo nawe xeleda abanye ngalo, kangangoko. 🍌

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: jenjonmat@gmail.com.

UKURHWEBA okanye ukungarhwebi...

Kwinqaku lethuba elidlulileyo sixoxe ngokuba kubalulekile ukuba nolwazi ngokuthengisa. Ukulima nokuthengisa asizonkqubo zimbini zahlukileyo njengoko abanye becinga; enyanisweni yinqqubo enye eqhubayo yokugqula izinto ezingatyekiyo zide zifike kwinqanaba lokusetyenziswa ngumthengi.

Liyinene elithi makungalinywa nto engafunwa mntu. Sisebenzisa inqubo yokurhweba okukhululekileyo efuna abalimi abathetha-thethanayo ukuze bafumane elona xabiso lihle ngemveliso yabo.

Imo engqonge urhwebo imbaxa kwaye iyaphuphuma ngamagama athathwe kumazwe angaphandle nangemikhwa engaqhelekanga yokuthenga nokuthengisa. Ngenxa yefuthe lokhutshiswano kwimimandla yeentengiso kunye namathuba anikwa iqonga leeMveliso zoLimo kwi-Johannesburg Stock Exchange (JSE), kubaluleke ngakumbi namhla kunangaphambili ukuba umlimi abe nolwazi oluphangaleleyo ngamathuba akhoyo okuthengisa nawezicwangciso-cebo zokubekwa kwamaxabiso.

Eli qonga lorhwebo libizwa ngokuba yintengiso yeemveliso ezisetyenziswayo kwaye libonwa njengesixhobo esisebenzayo sabalimi ukuze bakwazi ukulawula amathuba entengiso kunye nemingcipheko enxulumene namaxabiso kwimimandla yeentengiso yezolimo yaseMzantsi Afrika. Utshintshiselwano lunxulumanisa abathengi nabathengisi luze lunike nolwazi oluselubala ngamaxabiso. Zonke izehlo zokulusebenzisa zikhuselekile kwaye ziqinisekiswa ngenkqubo esekiweyo. Abalimi banako ukukhusela kwangaphambili kwilahleko ukutya kwabo okuziinkozo ukuze bafumane amaxabiso abawanqwenelayo ngemveliso yabo ngomhla abawunqwenelayo kwixesha elizayo. Le ndlela yokuthengisa ingakucutha ukuba zizisulu kwabo babe neendawo zentengiso ezishushu bakhuseleke ekufumaneni amaxabiso amabi ngexesha lokuvuna xa iindawo zokuthengisa

seziphuphuma okanye zinokutya okugqithisileyo. Iikhontrakthi zexesha elizayo zinomhla wokuphelelwa lixesha lokusebenza kwaye ngelo xesha umthengi nomthengisi bafanele ukubonisa imbeko kwindawo abarhwebe kuyo.

Isigama esingundoqo seSAFEX siyachazwa

- Umlimi uya kusebenzisa **IIKHONTRAKTHI ZEXESHA ELIZAYO** ukuze azikhusele kwangaphambili kwimingcipheko yokuguqu-guquka kwamaxabiso. Ikhontrakthi yexesha elizayo ithetha ukuba uyavuma ukuthengisa iitoni zenani elixeliweyo kwindawo yentengiso ngomhla oxeliweyo, ekuvunyelwene ngawo. Enyanisweni umlimi uthengisa umbona anenjongo yokuwulima ngexabiso elibekwa kwangaphambili. Ufanele ukunamathela kwisithembiso sakhe ngokunjalo azizise iitoni ekuvunyelwene ngazo nokuba kukanjani.
- Esinye isixhobo sorhwebo sithi **ILUNGelo (THE OPTION)**. Iintlobo ezimbini zamalungelo okurhweba kwiSAFEX ngamalungelo okuthengisa (*put options*) kunye namalungelo okuthengisa (*call options*).
- **AMALUNGelo OKUTHENGA (CALL OPTIONS)** anika umthengi ilungelo lokuthenga umbona kwixesha elizayo ngexabiso elibekwe kwangaphambili kanti (**AMALUNGelo OKUTHENGISA (PUT OPTIONS)**) anika umthengi ilungelo lokuthengisa umbona kwixesha elizayo ngexabiso elibekwe kwangaphambili. Amalungelo asetyenziselwa ukukhusela abalimi kwimeko yamaxabiso angazinziyo.
- Amalungelo okuthenga (*call options*) anika ukhuselo kumaxabiso eenkoko anyuka kwixesha elizayo. Ukuba abalimi/abathengisi bathenga ngamalungelo okuthenga emva kokuthengisa iinkozo ngemali esesandleni, bazibeka endaweni entle yenzuzo kumaxabiso exesha elizayo eenkoko anyukayo. Wona ama-

lungelo 'okuthengisa' anika ukhuselo kumaxabiso athotywayo eenkoko exesha elizayo.

- Iindawo zentengiso zinorhwebo olushushu ngazo zonke iintsuku zeveki kusasa ukususela ngo-09:00 ukuya emini emaqanda. Yinto eyenzekayo ukubek' iliso kwiintshukumo zentengiso ngomzuzu ngamnye njengoko zibonakala ngelo xesha zenzeka ngalo kwi-intanethi; kodwa yinto eqhelekileyo kubalimi ukufaka umthenjwa ophakathi kwabo, obizwa ngokuba **NGUMTHENGISELI (BROKER)**, ukuze abenzele umsebenzi onzima wokuhlalutya iintengiso aze enze esona sigqibo sibalaseleyo egameni lomlimi. Okubalulekileyo kukuba bonke abanegunya nabo baya kuyibek' esweni yonke into eyenzekayo malunga namaxabiso eenkoko eMelika ngokubek' esweni okwenzeka kwiindawo zabo zentengiso yeemveliso, i-Chicago Board of Trade (CBT). Sichatshazelwa kakhulu ziziganeko zexabiso leenkoko xa lithotywe ngesiqophe ixabiso eMelika, sinako ukulindela iindawo zethu zentengiso ukuba zilandele ekhondweni kwixesha elizayo nelisondeleyo kanti okuchasene noko kuyinyaniso nako. Luluvo olulungileyo kubalimi ukwenza amalungiselelo neshishini lendawo yabo ngokuthumela i-sms yamaxabiso ekuvalwe ngawo ukusuka kwiCBT ukuya kwiiselfowuni zabo qho kusasa emva kokovalwa korhwebo phaya ngokunjalo neziphumo zorhwebo kwiindawo zentengiso zeli lizwe. Unako ukwenza amalungiselelo okuthunyelwa amaxabiso emini futhi naxa ivala iindawo zentengiso. Oku kuya kusixhobisa ngamandla isigqibo sakho sexesha oya kuzithengisa ngalo iinkozo zakho. 📍

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: jenjonmat@gmail.com.

Eli lithuba lohlobo lwase mva kwexesha lokulima

I nyanga kaMatshi isoloko ilithuba elihle lonyaka lokucubungula nokuhlola indlela ezenzeke ngayo izinto ngexesha lokuxakeka ngokulima. Njengabalimi kusoloko kukho imiba enako ukuphuculwa emsebenzini wethu. Kodwa ukuze siyiphucule sidinga ukwazi ukuba kanye-kanye yintoni efuna ukuphuculwa.

Ndicebisa ukuba ukuze ube mhle umsebenzi kufuneka kubekelwe bucala iintsuku ezimbalwa kule nyanga zokuhlola umgangatho wokusebenza apho sinako ukukwenza oku sandule ukuzibhala phantsi zonke izinto esifanele ukuziphucula kumalungiselelo exesha elilandelayo lokuxakeka ngokulima.

Abalimi ziincutshe kwicala "lokusombulula ingxaki yomonakalo" nokucinga msinyane ngamaxesha okwaphukelwa nawokuxinga koomatshini. Obu bubuchule bodidi anokuba nabo umntu xa kuvela imo yonxunguphalo, kodwa umbuzo esifanele ukuzibuza wona ngowokuba; zingaphi kwezo ngxaki zokwaphukelwa engesizithintele xa besenze ucwangciso, ulondolozo nolawulo oluncomekayo phambi kwexesha lokulima. Kutshanje, bendimamele ingxoxo yeredyo ebibanjwe nomhlalutyi wezopolitiko kuba kwintetho yakhe ebecebisa ukuba kula maxesha opolitiko nokungabikho kozinzo kwezolimo ngokubanzi nezidubedube, eyona nto umlimi anokugqalisela kuyo kukuqhuba ngokwenza akwenzayo kwaye akwenze kakuhle kangangoko anako. Zama ukuwenza mhle umsebenzi wakho wokufama ukuze ube nempumelelo kangangoko kunokwenzeka.

Kanene yeyiphi imiba enxulumene nomsebenzi wethu esifanele ukuyigqala kuhlolo lwethu lwase mva kwexesha lokulima?

- Ukuze ube nengqiqo enzulu ngendlela eliqhube ngayo ishishini lakho kweli xesha lonyaka, hamba-hamba efama ukusuka eofisini yakho uye eshedini naseyadini yeshedi ugqibele ngokuhamba-hamba emasimini naphakathi kwezityalo.
- Xa uhamba-hamba kufuneka ubhale phantsi amanqaku afana nala; izixhobo zokusebenza eshedini ekufuneka zihleliwe, okanye amagogo emichiza amadala neengxowa zezichumiso ekufuneka zicociwe okanye zilahlwe njalo njalo.
- Hlola izixhobo zakho zokulima. Kungoku nje zifanele ukuba sezicocekile, zinikwe inkonzo yolondolozo zaze zapakishwa kwindawo ekhuselekileyo.
- Qaphela zonke izinto zamalungiselelo ezishiyekileyo ezifana nembewu, imichiza, isichumiso, uze ukubhale phantsi oku wandule ukuzipakisha apho zikhuseleke khona ukuze uphinde uzisebenzise kwixesha elizayo. Ufanele ukuzithatela ingqalelo ezi ntsalela xa ufaka iiodolo zakho zexesha elilandelayo lokulima.

“

Eyona nto umlimi anokugqalisela kuyo kukuqhuba ngokwenza akwenzayo kwaye akwenze kakuhle kangangoko anako. Zama ukuwenza mhle umsebenzi wakho wokufama ukuze ube nempumelelo kangangoko kunokwenzeka.

- Fumanisa ukuba zeziphi iingxelo ezifanele ukufakwa kwiifayile okanye ezifanele ukunikwa abagcini-zincwadi eofisini uze uzihlele ukuze usebenzele endaweni enesithuba esiqoqoshekileyo. Akunakuzi ukwazi ukucinga ngokucacileyo endaweni engaqoqoshekanga.
 - Ixesha lakho elininzi uya kulichithela emasimini. Jonga izinto ezifana nendawo yakho yezityalo. Ingaba imilinganiselo yesixhobo sokutyala ibiyenziwe ngokuchanekileyo, ingaba bekukho imigca ephosakeleyo, yona imiqolo yakho ibimihle kwaye ithe tye kakuhle, njalo njalo.
 - Jonga izinto ezifana nokutshatyalaliswa kokhula. Ingaba isitshizi besimisilwe kakuhle kwaye nemilomo yazo yonke ibisebenza kakuhle. Ukuba kukho imicu yokhula apha naphaya sowusazi ukuba umqhubi wakho ebengawuhoyi umlomo wesixhobo okanye into elolo hlobo. Ezi mposiso zincinane ziingxaki ekulula ukuzisombulula kwixesha elilandelayo lokulima.
 - Jonga izityalo nemibala yamagqabi. Ingaba isichumiso sakho besisasazeke kakuhle kwaye besanele? Ukuba kukho indawo oyibonayo enezityalo ezingakhuliyo nezityheli uya kuba sowusazi ukuba besinganelanga isichumiso esifakiweyo okanye isisasazi asisasazanga ngokulungeleleneyo.
 - Ekugqibeleni ofanele ukukuqwalasela kukuba ingaba izityalo zakho zibonakalisa ukuvana na nemisebenzi yakho.
- Wakuba uwabhale onke amanqaku malunga nezinto ezidinga ukuphuculwa unako ukuqalisa ngezicwangciso zakho zexesha elilandelayo lokutyala. Xa usazi kakuhle ukuba yeyiphi imiba yeshishini lakho efuna eyona ngqalelo inkulu, unako ke ngoku ukwenza isicwangciso sexesha lakho ngokwaloo miba. Ukuba siyaqhuba ngokuzama ukuphucula umsebenzi wethu siya kuya ngokuba bhelele kwi-nto esiyenzayo. 🍌

Inqaku linikelwe nguGavin Mathews, oneMfundo yesiDanga kuLawulo loBume obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe thumela i-imeyili apha: gavmat@gmail.com.



Masibuyele emasimini

Ukuba umntu ebeqhuba esiya eOrania ekuMlambo iGqili eMntla Koloni ukusuka eBloemfontein kwiivekiezimbalwa ezidlulileyo zikaNovemba ebeya kuyivelela ngezantsi le dolophu. Xa eqhuba engena kuqobo lwedolophu esingise emantla nasemantla-mpuma eqabela iblorho, ekhweza ngoMlambo iGqili udibana nombono ovus' umxhelo wezishizi zezijikelezi zezizikithi ezininzi kunye nengqolowa yesivuno esikhulu esiluhlaza ukuya kwesisabugolide sigetyeza kwimpepho epholileyo.

Esi sityalo besisihle ngendlela emangalisayo kulo nyaka nangona abanye abalimi kwicala elisempuma kwindawo yaseHopetown belahlekelwe zizo zonke izityalo ngenxa yokutshayelwa zizichotho ebezi-galela ngamandla.

Kucace mhlophe ukuba aba balimi baqhuba amashishini abo okufama kufuphi eOrania ngabanye babalimi bengqolowa enkcnkceshelwa kakuhle kakhulu ehlabathini. Izivuno ebekubonakala zinokufumaneka bezimalunga neetoni eziyi-7,5 ngehektare nganye nangaphezulu. Uqobo lwezivuno ezifunyenweyo bezimalunga neetoni eziyi-7 ngehektare nganye kanti ngezifikele kwiitoni eziyi-8,2 ngehektare nganye xa bekungakhange kubekho monakalo wasichotho. Kumaxesha okulima adlulileyo kufumaneka isivuno seetoni ezili-10 ngehektare nganye xa ibilinywe ngoJuni kanye emva kombona. Izivuno zezinye iifama bezingaphantsi kunezo bezilindelekile kwaye mhlawumbi zibangelwe ziintsuku zobusuku obebubanda ngokungafaniyo nelahleko ebangelwe kukunqongophala kobushushu obudingekayo ukuze zihlohleke izicuku zayo ngexesha lokukhula. Kungoku nje inkoliso yala masimi ezijikelezi aza kuba selelinywe umbona kwiiveki zokuqala ezimbalwa zikaDisemba emva kokuvuna ingqolowa.

“*Qwalasela yonke imibandela yokulima uze uyifundise ngokunjalo uyihlalutye nzulu ukuze ukwazi ukwandisa izivuno zakho kangoko.*”

Ukuba unomdla wokufunda nzulu ngokulinywa kwengqolowa enkcnkceshelwa ngezitshizi ezizikithini nceda qhagamshelana nabalimi abambalwa kule ndawo. Hamba uye kuzibonela ngokwakho ukuba kusetyenzwa njani nithethe ngayo

yonke imibandela abayiqwalaselayo ephathelele ekulimeni ingqolowa ngendlela eya kwenza kufumaneka iitoni ezili-10 ngehektare nganye.

Imeko yamaxabiso exesha elizayo

Inggolowa yorhwebo elinywa eMzantsi Afrika iphelele ikholisa ukuba malunga neetoni eziyi-1, 760 zezigidi. Amaxabiso aqikelelwayo exesha elizayo angaJulayi ngo-2015 angange-R4 065 ngetoni nganye aze abe ngange-R3 819 ngoSeptemba ngo-2015. Khumbula ukudibanisa neendleko zothutho eNtshona Koloni okanye kwezinye iindawo ukuze ufikelele kwixabiso lasefama lokuthengisa ngetoni nganye. Xa isivuno siziitoni eziyi-8 ngehektare nganye, zize iindleko zothutho zibe yi-R200 ngetoni nganye, kuya kufumaneka ingeniso ye-R28 960. Isenokunyuka ibe yi-R36 200 ngehektare nganye ngesityalo seetoni ezili-10.

“*Ukuba unomdla wokufunda nzulu ngokulinywa kwengqolowa enkcnkceshelwa ngezitshizi ezizikithini nceda qhagamshelana nabalimi abambalwa kule ndawo. Hamba uye kuzibonela ngokwakho ukuba kusetyenzwa njani nithethe ngayo yonke imibandela abayiqwalaselayo ephathelele ekulimeni ingqolowa ngendlela eya kwenza kufumaneka iitoni ezili-10 ngehektare nganye.*”

Bala iindleko onokuba nazo, izivuno ezinokufumaneka, ingeniso nemida yengeniso ephetheleyo ngokuchanekileyo. Ngokubanzi abalimi bengqolowa enkcnkceshelwayo bayaqhuba ngokulima, nto leyo eyalatha ukuba esi sityalo siyayifaka inzuzo naxa amanqanaba ombane enendima enkulu kwisiphumo esifumanekayo.

Imibandela yokulimayesityalo esilandelayo sengqolowa enkcnkceshelwayo efanele ukulinywa ngoJuni ngo-2015

Ukuba zikudanisile izivuno zakho zengqolowa enkcnkceshelwayo eli lixesha elihle lokuphengulula eminye yemibandela ebalulekileyo yokulima. Makube uyiqwalasele ngocoselelo imeko yezinkcnkcesheli zakho ezijikeleza ezizikithini ngokuphathelele kwisakhono nokuthi zinako ukunika

Qiniseka ukuba yonke imilomo yezixhobo isebenza kakuhle.



INGQOLOWA ENKENCESHWAYO

amanzi awaneleyo kwisityalo sengqolowa sexesha elizayo. Ukuba injongo yakho kukulima phantse iitoni ezili-10 ngehektare kangangoko kunokwezeka, ufanele ukukhumbula ukuba isityalo siya kudinga amanzi angakanani. Ziya kubangela intlekele naziphi iingxaki ezimalunga namanzi ngexesha lokudubula kweentyatyambo. Qwalasela zonke iindawo ezisebenzayo, iibheringi zamavili, imeko yamathayara, vavanya ukusebenza komlomo nobukhulu bamaqabaza nazo zonke iindawo zokulawula umbane noomatshini.

limbonakalo zemihlaba emasimini ezinkcencesheli zezijikelezi

Uyacetyiswa ukuba uziqwalasele ngokutsha iimbonakalo zomhlaba wakho ukhangele naziphi izidibiokanye iizowuni zeentlenga ezingaphantsi komphezulu womhlaba ezinokuthintela ukufikelela okupheleleyo emhlabeni okhoyo kwiingcambu zezityalo zengqolowa.

Ukuchuma

Yenza iimvavanyo eziliqela zomhlaba kwiindawo zezijikelezi ngokunjalo wenze nohlalutyo olunzulu lomhlaba ukuze ufumanise naluphi nqongophalo lwezondlo olunokuba lwenziwe kukuvuna iitoni ezili-10 zengqolowa neetoni ezili-14 zombona ngehektare ng-

anye qho ngonyaka. Amanqanaba angokuokuchuma komhlaba mawahlolwe ngononophelo.

Isichumiso


Isityalo seetoni ezisibhozo ngehektare siya kudinga i-240 kg ye-nitrogen, i-40 kg yephosphate, i-50 kg ye-potassium kunye ne-14 kg ye-sulphur ekufuneka zikhona ngalo lonke ixesha lokukhula kwesityalo.

Inggqolowa iya kusebenzisa i-22 kg ye-nitrogen, i-3,8 kg yee-phosphate, i-4,30 kg ye-potassium kunye ne-2,50 kg ye-sulphur ngetoni nganye yembewu elinyiweyo. Bala izixa zesicwangciso sesivuno sakho. Kuya kufuneka i-210 kg ye-nitrogen, efakwa ngokwezondlo ezine, njengoko kuya kufuneka obona buncinane bokuvuna iitoni ezi-8 ngehektare enye.

Elokugqibela

Qwalasela yonke imibandela yokulima (kanti kukhankanywe embalwa kuphela ngasentla) uze uyifundisise ngokunjalo uyihlalutye nzulu ukuze ukwazi ukwandisa izivuno zakho kangangoko. 🌧️

Inqaku linikelwe ngumlimi okumhlaba-phantsi.



Ulonolozo olwenziwa ngexesha luya kuqinisekisa isakhono samanzi nefuthe kwisivuno.

INKXASO-MALI YOPHANDO NENGUQUKO

Kwintlanganiso ebibanjwe ngomhla we-21 kuOkthobha ngo-2014 ibhodi yabathenjwa yeWinter Cereal Trust inike izigqibo malunga nokunikwa kweenkxaso-mali ngokungqinelana neeprojekthi ezahluka-hlukeneyo eziphathelele kwiinkozo zasebusika, ngokunjalo nangezinye iinjongo, ezifana neenkqubo zenguquko nophuhliso lwezakhono kweli shishini.

Izicelo ezifakelwa inkxaso ekhutshwa kwiingxowa-mali zerhafu yeenkonzo zihlolwa ziikomiti zobuchule malunga nengqolowa nebhalu. Ukubunjwa kweekomiti bunika onke amacandelo eshishini ithuba lokuzuzisa ingqiqo enzulu kwindlela yokusebenziswa kweenkxaso-mali. Ukubunjwa kweekomiti kufumaneka kwiwebhusayithi yaseWinter Cereal Trust (www.wintercerealtrust.co.za).

Ibhodi yabathenjwa ilawula iinkxaso-mali zerhafu yeenkonzo ngokwemithetho-siseko yokunikwa kweenkxaso-mali ezifumanekayo zophando ekupheleni kukanyaka-mali ukuba zisetyenziselwe iiprojekthi ngokokushiyana kwamandla azo xa kuhlangatyezwa iimfuno zeshishini. Injongo asikokuqokelela iinkxaso-mali kodwa zibe zingahoywa izidingo zophando olusentloko.

Iinkxaso-mali ezinikwa yiTrust beziqokelelwe kwi-irhafu ezimiseliweyo, kudibene nenzala ezuziweyo, zize zisale emva kokuxhuzulwa kwenkcitho yemisebenzi yeofisi kunye nentlawulo yeTrust malunga nenkxaso-mali engaphelelanga (ye-13,6%) yohlahlo lwabiwo-mali yonyaka ye- SA Grain Information Service (SAGIS).

Uphando

Malunga neeprojekthi eziyi-58 ziza kufumana inkxaso-mali evela kwiWinter Cereal Trust yokwenza uphando ngengqolowa, ibhali kunye ne-owuthsi kunyaka ozayo. Nantsi imizekelo embalwa yeentlobo zeeprojekthi ezinqwenelekayo:

Inggqolowa

- linkqubo zokwandisa amanani ezityalo zengqolowa;
- linkqubo zohlolo lwemihlanganisela yengqolowa yesizwe;
- Inkqubo yokugqithisela ulwazi ngezobuchwepheshe;
- Uhlolo ngokuquva kwengqolowa phambi kokuvuna;
- Ifuthe lethuba elide lwemigaqo yokuphethula

umhlaba olinywe ingqolowa eFree State eseMpuma;

- Ukusekwa kolondolozo lwemisebenzi yokuphethula umhlaba kwiinkqubo zokulima izityalo zasehlotyeni kwiindawo zemvula yasehlotyeni;
- Ulawulo lweKarnal Bunt;
- Uhlolo lwezinto ezisetyenziselwa ukwandisa ingqolowa ukuze kuchongwe ukuxhathisa kweentwala zengqolowa yesiRashiya;
- Inkqubo yezilumkiso kuselishesha ukuze kunqandwe ukudlulela kwevayirasi encinane etyheli yeBhali engqoloweni enkencceshwayo;
- Izigxothi zeentwala ukuze kuthintelwe ukudlulela kwevayirasi encinane etyheli yeBhali engqoloweni zigqithiswa ziintwala;
- Ukunika amandla angawona agqibeleleyo emichiza etshabalalisa ukhula;
- Uphuhliso lomgaqo wovavanyo lweziqalelo zendalo ukuze kuxheshwe uvavanyo lokutshabalalisa ukhula ekuqaleni kwexesha lokulima;
- Ukunyamezela kwemihlanganisela yengqolowa yaseMzantsi Afrika imichiza yokhula;
- Ukubalwa komahluko wamanani esivuno phakathi kwesakhono semfuza kunye nezivuno zorhwebo lwengqolowa enkencceshwayo eMzantsi Afrika;

Inkxaso-mali yophando nenguquko



Umzekelo weplothi yovavanyo lomhlanganisela.

- Uphando lwendlela yokulima ngeenkqubo zokujikeleziswa kwezityalo ezisibhozo (8), kuqukwa ingqolowa, icanola, ilupins kunye neentlobo zamadlelo eSwartland;
- Uhlolo lwezoqoqosho nezendalo kwiinkqubo zokulima zethuba elifutshane nelide lokujikeleziswa kwengqolowa kunye neenkozo/amadlelo eMzantsi Kapa; ngokunjalo
- Ukutshabalalisa ukhula oluyingxaki kwiinkqubo zasebusika nezityalo ezinyangiweyo zokutyisa ngeemveliso zangoku ezibhalisiweyo nezingabhaliswanga.

Ibhali

- Inkqubo yokwandisa isityalo sebhali;
- Isicwangciso-cebo esihlanganiseliweyo solawulo lwezifo kwibhali yemolthi;
- Ukunyusa isakhono seemveliso kangangoko kwimihlanganisela yebhali yemolthi yaseMzantsi Afrika ngogxininiso ekusebenziseni imihlanganisela emitsha; ngokunjalo
- Uphando lokuqala ngonoobangela bokwetha kwamandla okuntshula kwibhali ngethuba lokugcinwa kwayo emva kokuvuna.

Ilowuthsi

- Inkqubo yophuhliso lweowuthsi.

Ezinye iindlela ezisetyenziswa ngazo iinkxaso-mali

Ibhodi yabathenjwa kwakhona iphinde yenza ukuba zifumaneke iinkxaso-mali zokuhlangukisa

ingxelo ngomgangatho wesityalo sengqolowa yeli lizwe. Le ngxelo iya kuhlangukiselwa yiSA Grain Laboratory, eya kuphinda iqhube uphando ngomgangatho wengqolowa ethengwa kwamanye amazwe. Inkxaso yezi zehlo zophando isekwe kwiindleko ezizezona zifunyenweyo.

Iinkxaso-mali zenziwe zakhona malunga nohlolo olundululwayo lovelo lwefuthe lwamanqanaba amatsha okuxhotyiswa okundululwayo kweemveliso zengqolowa.

Kukwanikwa neenkxaso-mali ezinyiniweyo zokwakhiwa kwezakhono kwiinkampani ezibandakanyeka kwishishini leenkonzo ebusika.

Iibhasari zinikwe abafundi bezifundo ezinxulumene neshishini leenkonzo zasebusika. Limeko zokunikwa kweebhasari zimisela ukuba umnini-bhasari abe ngumqeshwa kwinkampani yeshishini leenkonzo zengqolowa kwithuba elilingana nenani leminyaka enikwa ngalo ibhasari. Ukuba oku akwenzeki, ixabiso leibhasari enikwe umfundi liphelele liya kufunwa ukuba lo mfundi alihlawule.

Inguquko

UMphathiswa wezoLimo, aMahlathi nokuLoba ubhengeze iirhafu zeenkonzo njengeerhafu ezimiselwe ngomthetho, ngaphandle kokuba i 20% yengeniso yerhafu yeenkonzo isetyenziselwa ukuphuhlisa abalimi abamnyama abaphuhlayo. Ibhodi yabathenjwa izimisele ngokupheleleyo ukuthobela lo mqathango kwaye ngonyaka igcina i 20%

yengeniso yerhafu yeenkonzo (yaloo nyaka-mali) ngeenjongo zenguquko.

Iinkqubo zenguquko ezinikwe yiARC: yi-Small Grain Institute, yiGrain SA, yiSAB Barley Farm nayiGWK Ltd zanikwa inkxaso kwiminyaka embalwa edlulileyo.

Iinkxaso-mali ezinikwe iinkqubo zophuhliso lwabalimi bamashishini ezolimo zifakwa kwiGrain Farmer Development Association (GFADA). Kusetyenziswa imiqathango engqongqo xa kukhethwa abalimi abasaphuhlayo abanokuba neenxaxheba kwiinkqubo ezikhankanyiweyo. Injongo yezi nkqubo zophuhliso ezingxaliweyo kukuncedisa abalimi abanesakhono sokungena kwiqela labarhwebayo. Abalimi abanenxaxheba kwezi nkqubo bafumana inkxaso yokulungiswa komhlaba neyepriyamu zeinshorensi. Amashishini ezolimo alawula iinkqubo anemfanelo yemirhumo yokunikwa ukhokelo. Abanye abanikehlayo nabo bayabandakanyeka kwezi nkqubo.

Abantu abanomdla banako ukufumana ulwazi ngeeprojekthi ezifumana inkxaso-mali kwiWinter Cereal Trust kule webhusayithi yeTrust: www.wintercerealtrust.co.za.

Inqaku linikelwe ngulshmael Tshiame, Umlawuli wemisebenzi yeofisi: kwa-Winter Cereal Trust. Ngolwazi oluthe vetshe thumela i-imeyili apha: ishmael.tshiame@wctrust.co.za.



Abalimi bengqolowa abavela ezantsi badibanisa iintloko

“**N**diyakholwa ukuba abalimi eMzantsi Koloni baza kuba neengqondo ezibetha-bethanayo ngonyaka ka-2014”. Iindawo zengingqi bezineemvula ezingalinganiyo ekuqaleni kwexesha lokulima, kodwa masithi ibingaphantsi kunesiqhelo sasekuqaleni kwexesha lethu lemvula. Imvula ilandelwe ziimeko zengqele eqhaq hazelisa amazinyo kwaze kwamanzi kakhulu ngasentshonalanga, kodwa zange ifike seMpumalanga.

Nangona kunjalo, imvula esiyifumeneyo izivumele izityalo ukuba zikhule kakuhle kuba isakhono sazo besibonakala sisekeke ngendlela efanelekileyo ekuqaleni kwexesha lokulima. Kanti kwicala lasempumalanga belibalele. Imvula ene ehlotyeni, ngakumbi ngoJanyuwari, ikwazile ukuzikhulisa izityalo. Kodwa eyona mvula ininzi ukususela ngo-1994 ibingoJuni 2014. Okuchasene noko kukuba kwicala elikude entshona imvula engaphezu kweyesiqhelo ifunyenwe kuphela ngoJanyuwari nangoJuni ngo-2014, logama ezinye iinyanga bezinemvula enganeno weqhelekileyo.

Ngokuphathelile kwingqolowa, izivuno ziye zahluka ngodidi kwiingingqi nakwizithili ezahluka-hlukeneyo. Ubushushu obuphezulu nokufuma obekukho ngebanga lokuhlohleka kwezikhwebu bukhokelele kwezi yantlukwano. Xa kuhlalutywa iindleko ngokunxulumene nesivuno esingumyinge wethuba elide kunye

namaxabiso eSafex, ngethamsanqa wonke umntu uyazi kwaye uyaqonda ukuba ishishini lengqolowa lisesichengeni somngcipheko. Ubungqina kukuncipha kwehektare embindini apho kukho nezinye iintlobo zezityalo zasehlotyeni. Oku kukhokelele kwintlanganiso yabenzizindima kushishino ngomhla we-11 kuNovemba ngo-2014, eyayibizwe yiKomiti yobuChule ngeeNkoko zaseBusika yeWinter Cereal Trust. Le ntlanganiso yayinabantu abangaphezu kwe-80 abavela kwishishini lengqolowa.

Abasili, ababhaki, abeshishini lezisele, abathunywa, ibhunga labathengi, iSafex, urhulumente nabalimi babekhona kuloo ntlanganiso eyayikhokelwa nguRod Blondin waseSafex. Umoya weqela wawusonwabisa kwaye wonke umntu evuma ukuba ishishini kufuneka liguquke ukuze lizisindise ekuweni.

Le ntlanganiso yalandelwa yintlanganiso yeqela lobuchule ngomhla we-25 kuNovemba ngo-2014 neyayixoxa ngeenguquko ezandululwayo. Nangona kunjalo, uthetha-thethwano nomsebenzi onzima waqala ngomhla we-15 kuJanyuwari ngo-2015, kwaye izindululo zabo bonke abantu zazinikwe amalungu entlanganiso phambi kokuhlala kwayo yaza intlanganiso yahlulwa ngokwamaqela amathathu awayexoxa kwaye ethetha-thethana nangezinye iinguquko. Amaqela amathathu axoxa ngesindululo ngasinye aza athetha ngengxam nangomxholo ekubhekiselelwe kuwo, owasa-

la usiba luggaliselo lwabo olusentloko. Iqela lokuqala lalixoxa kwaye lithetha-thethana ngokukhutshwa kwemihlanganisela emitsha, imiqathango yokuyikhupha nethuba laphambi kokuyikhupha (kwixesha langoku yiminyaka emithathu yovavanyo lweenkcukacha), logama iqela lesibini belixoxa ngokulondolozwa kweenkoko, lize iqela lokugqibela lixoxe ngomlinganiselo wokuhlela wokuthoba, iSafex (ibanga elisisiseko sorhwebo nomlinganiselo wokuthoba) kunye norhwebo ngemali esesandleni.

Sijonge kuphuhliso lwezindululo kwaye sinethemba lenguquko eza kuba noncedo, ezinye zize neziqabu ezifuneka kwanguku kunye nokuphuculwa kwemisebenzi. Ngelishwa abanye benze izindululo zeenguquko (imihlanganisela emitsha enezivuno ezandileyo nodidi oluphantsi noko) ziya kufuna ixesha lokwenza umahluko wenene.

Ngokuqinisekileyo ishishini leenkoko lijogengene nemiceli-mngeni kwixesha elizayo. Nangona kunjalo, qiniseka ukuba ummeli wakho nabaqeshwa baseGrain SA baya kwenza konke abanako ukwenza iinguquko noku-zilawula ukuze abalimi bancedeke. 🍀

Inqaku linikelwe nguRichard Krige, iLungu lesiGqeba esiLawulayo saseGrain SA nonguSihlalo wesiThili se-27. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: boontjieskraal@com2000.co.za.



Intsimi yengqolowa nje ngaphandle kweCaledon.



I Grain SA kudliwano-ndlebe... no Solomon Masango

USolomon Masango ngumlimi kwindawo yase Carolina kwaye ulilungu leQela lo-Fundo-nzulu lase Carolina elisandul' ukubunjwa. Ufama emhlabeni odityanelweyo apho arenta khona iindawo ezilimekayo kwelo qela. Uphinda enzele iinkomo zeqela ifula ngokunjalo anikele ngentsalela yezityalo ukuze impahla iyitye ebusika. Ngokuzinikela kwakhe, ukusebenza nzima nokulangazelela ukufunda, udlulile ngoku kwinqanaba lomlimi osahlumayo kwaye uzoyisile izinto ezinzima malunga nokuba ngumlimi ose-ntsimini erentwayo.

“Ulwazi endinalo ngokulima kunye nolangazelelo lwam lokufunda yintsika yeshishini lam.”

Uwuqhuba phi umsebenzi wokufama kwaye ngeehektare ezingaphi?

Ndenza umsebenzi wokufama emhlabeni olimekayo weehektare eziyi-420 kwisiphaluka sase Carolina, ndilima ihektare eziyi-130 zombona, ihektare eziyi-280 zesoya nehektare eziyi-10 zee-sugar beans. Ndiphinda ndirenta idlelo lomhlambam wam weenkomo zenyama eziyi-129.

Zinto zini ezikukhuthazayo?

Ndiyakholelwa ekubeni umsebenzi wokufama bubomi bam kwaye bukwayindawo ebendisiya kuyo ebomini nokuthi ayikho enye indawo endifaneleyo. Ndifunda into entsha ngosuku ngalunye, kwaye ndiyathanda ukuzivavanya izimvo ezintsha, njengokujonga imiqolo emxinwa yesoya emva koko ibe yeyombona.

Chaza imiba onamandla kuyo

Ulwazi endinalo ngokulima kunye nolangazelelo lwam lokufunda yintsika yeshishini lam. Imisebenzi yoshishino ngokwemigaqo yokuluphatha kakuhle indincedile ukuba ndibe nerekhodi entle yokunikwa ityala, kwaze oko kwandinceda ukuba ndikwazi ukuthenga izinto zamalungiselelo okulima ngokusebenzisa i-Afgri. Ifama inemihlaba emihle kwaye isendaweni enemvula eyaneleyo. Kumana ukubakho umhlaba ongalinywayo ngabanye abalimi, ukuze oko kundandisele indawo yokufama.

Zinto zini obuthathaka kuzo?

Ukuqesha umhlaba kuyathandabuzisa kwaye kungungqisa uzinzo. Xa ungenamhlaba ungowakho uba namathandabuzo okuba ingaba kwithuba elide elizayo umhlaba uchumela bani.

Sasingakanani isivuno sesityalo sakho ngoko wawuqalisa ukufama?

Ndafumana umyinge weetoni zombona eziyi-3,5 ngehektare nganye kunyaka wokuqala, ngoku ndivuna malunga neetoni ezi-6 ngehektare xa bellihle ixesha lokulima. Isivuno sesoya sona siba ngaphezulu kwiitoni ezi-2 ngehektare.

Ucinga ukuba yintoni eyona nto ebinogalelo kwinkqubela nakwimpumelelo yakho?

Baninzi abahlulelane emsebenzini wokufama, njengoqeqesho lwakwaAfgri, neqela lofundo-nzulu elisandul' ukubunjwa lase Grain SA. Oku kwenze ukuba ndiwenze ngobungcali umsebenzi wokufama, ngokweenkqubo zokufaka isichumiso emva kohlalutyo lomhlaba nenkqubo yokufakwa kwekalka. Zikhona iinkqubo zokutshabalalisa ukhula ngenxa yeengcebiso ezivela kwaLowveld Agro



Ukuba ngumlimi orhwebayo kwiminyaka elandelayo emihlanu liphupha lika Solomon Masango.

Chem nase Grain SA. Ukujikeleziswa kwezityalo kudlala indima enkulu, kanti kutshanje nditshintshela kwinkqubo yokulima ngaphandle kokuphethula umhlaba, emva kokuthenga isixhobo sokutyala semiqolo esi-8 kunye nesitshizi esitsha sezityalo.

Uzibona undawoni kwiminyaka emihlanu ezayo?

Kwithuba leminyaka emihlanu ezayo, ndizibona ndingumlimi orhwebayo. Phofu sendiza kufika apho. Ndinobudlelwane obulungileyo nabamekwane, abanothakazelelo lokundinceda.

Ungabacebisa uthini abalimi abasaqalayo abanomnqweno wempumelelo?

Malunga nokufama, umhlaba yeyona nto ibalulekileyo. Okokuqala, jonga ukhuselo lomhlaba wakho nokuchuma komhlaba, ezinye izinto ziya kulandela. Yiba soloko uhamba ekubonakaleni kwimisebenzi yakho yoshishino ngokwemigaqo yokuluphatha kakuhle kwaye ungathathi iindlela ezimfutshane.

Inqaku linikelwe nguNaas Gouws, uMququzeleli woPhuhliso wase Grain SA kwiNkqubo yoPhuhliso lwabaLimi. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha naas@grainsa.co.za.



Sebenzisa ithuba

– *naxa selingasakhanyi ilanga*

Ngokuqinisekileyo ukuba ngumnini/umphathi weshishini lokufama ngomnye wemisebenzi yoqeqesho engumcelimngeni omkhulu. Abalimi bajongene neendleko ezisoloko zisanda zezinto zamalungiselelo okulima, amaxabiso angenaluzinzo eemveliso (ngomnye unyaka ixabiso liphezulu kodwa liphinde lihle kwakhona kunyaka olandelayo), ukuthandabuzeka kwemozulu, ubukho beentlekele zendalo kunye namanyathelo okhuselo angasebenziyo.

Ngaphaya koko, abalimi baseMzantsi Afrika, nokuba ngabarhwebi okanye ngabathengisi bezixa ezincinane, baphinda babe nengxaki karhulumente ongenabubele kwicala lezolimo. Oku kubonakala ngokunqaba kweengxowa-mali, ukunqaba kweenkxaso-mali, maxa wambi kungabikho nogonyo oludingekayo, iziseko zezibonelelo ezingekho mgangathweni ezifana neendlela neziporo, ukutsaliswa nzima ngumbane, iziseko zezibonelelo zamanzi nodidi lwamanzi. Ngaphaya koko, eMzantsi Afrika kukho imithetho eyi-88 echaphazela abalimi. Kanti nokuba urhulumente usungule isicwangciso sokuncedisa, ekugqibeleni luba luncinane kakhulu olo ncedo. Inkqubo karhulumente iFetsa Tlala (Gxotha iNdlala) yokunika inkxaso kubalimi abarhweba kancinane eyandululwa nguMongameli uZuma ngoOkthobha 2013 ishiywe ebumnyameni ngenxa yokungabikho kweenkxaso-mali nobungcaphphe. Okokugqibela, iinkonzo zesolulo zikarhulumente zifana nezingekhoyo. Kanti abalimi baphinde bafumanisa ukuba xa bekukho iintlekele zendalo uncedo lukarhulumente lusenokungabikho okanye lufike emva kwexesha kakhulu kwaye lwahlala lungalingenanga.

“*eMzantsi Afrika kukho imithetho eyi-88 echaphazela abalimi.*”

Qiniseka ukuba ezi meko azinakuguquka kulo nyaka phantsi kobunkokeli bukarhulumente beli xesha. Abalimi baseMzantsi Afrika baya kuqhuba ngokujongana nobume obubangqongileyo obungenalusini nobugungqayo bezopolitiko. Nango-ku urhulumente ufunzele emthethweni omtsha malunga nenguquko kwezomhlaba kwaye wenza uphando ngesicelo sowona mvuzo uphantsi owamkelekileyo wabasebenzi.

Nangona kunjalo, ubume obusingqongileyo obunganiki themba buya kukunyanzela ukuba



Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324
7 Collins Street, Arboretum

Bloemfontein
► 08600 47246 ◀
► Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson

► 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA

KWABAHLELI

Liana Stroebel

► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks

► 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,

isiNgesi, isiBhulu, iSeTswana,
isiSesotho, isiSesotho sa Leboa nesi isiZulu.

INKqubo yeGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi

ABAQUZULELI BOPHUHLISO

Danie van den Berg

Free State (Bloemfontein)

► 071 675 5497 ◀ danie@grainsa.co.za

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)

► 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za

► e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)

► 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za

► e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

Naas Gouws

Mpumalanga (Belfast)

► 072 736 7219 ◀ naas@grainsa.co.za

Jurie Mentz

KwaZulu-Natal (Vryheid)

► 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za

► e-Ofisini: 034 980 1455 ◀ Sydwell Nkosi

Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)

► 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za

► e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

Lawrence Luthango

EMpuma-Koloni (Mthatha)

► 076 674 0915 ◀ lawrence@grainsa.co.za

► e-Ofisini: 047 531 0619 ◀ Cwayita Mpotyi

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)

► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

► e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Melercia Kotze

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)

► 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za

► e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

Vusi Ngesi

EMpuma-Koloni (Maclear)

► 079 034 4843 ◀ vusi@grainsa.co.za

► e-Ofisini: 012 816 8070 ◀ Sally Constable

Articles written by independent writers are the views of the writer and not of Grain SA.

Sebenzisa ithuba – naxa selingasakhanyi ilanga

uguqule okunganiki themba kube KOKUNIKA ITHEMBA xa unomnqweno wokuphumelela nje-ngomlimi. Uza kufanela ukujongana nako konke oku kwaye ube ngumphathi ongathandabuzekiyo. Ukuba uyathanda hlala phantsi komthi uphunge ikofu ulibale kukukhalaza, okanye sukuma ube nento oyenzayo. UYA KUZIKHETHELA. Akukho mntu oza kukwenzela nto. Nguwe ofanele ukulawula ngendlela eya kuqinisekisa ukuba uya kuba uselapho xa isina imvula.

Xa uthetha nabanye abalimi beli lizwe abaphezulu, uya kufumanisa ukuba abanaxesha lokuzikhathaza ngeemeko abangakwazi kuziguqula ngokungqalileyo. Endaweni yoko bajolisa amehlo abo kwixesha elizayo kwinto abanako ukuyiguqula. Benza izicwangciso, babopha amabhanti ukuze baphile ngokusebenza ngethemba elisezintli ziyweni zabo. Khumbula ithetho ethi “*n Boer maak 'n plan.*”

UMBUZO UTHI: “NDINGENZA NTONI?” Ulawulo lwakho malube kwinqanaba eliphezulu, oko kuthetha ukuba yenza izicwangciso, yenza ulungiselelo, phumeza uze unxulumanise.

Senze ngendlela efanelekileyo isicwangciso seshishini lakho uze uqukanisele zonke izicwangciso zakho zezinto eziphathekayo ngokohlalo lwabiwo-mali wandule ukwenza ulungiselelo nokuphumeza ngokwezicwangciso nangokohlalo lwabiwo-mali lwakho. Malunga nempumezo “Qala ngokwenza iziseko ngokuchanekileyo” uze ugcine iindleko zakho zihambelane nohlalo lwabiwo-mali lwakho. Kufuneka ube yintshatsheli yomlimi wombona kunye/okanye wengqolowa kunye/okanye weembotyi zesoya kunye/okanye wemfuyo.

Ukuze ukwazi ukunxulumanisa (thelekisa okwenzwiweyo nobekucwangciselwe) kufuneka oko kubhalwe – zingaphi iihkutare ezityaliweyo, amanani ezityalo, singakanani isichumiso ebesifakiwe, ngokunjalo nembewu. Ngoko ke, phucula inkqubo yakho yokugcinwa kweengxelo.

Kuko konke oku yiba ngusomashishini osaphuhlayo okwaziyo ukwenza izinto ezintsha

Senze ngendlela efanelekileyo isicwangciso seshishini lakho uze uqukanisele zonke izicwangciso zakho zezinto eziphathekayo ngokohlalo lwabiwo-mali wandule ukwenza ulungiselelo nokuphumeza ngokwezicwangciso nangokohlalo lwabiwo-mali lwakho.

– “Yintoni endinokuyenza phucukileyo, ndingenza njani ukuze ndiphucule iziphumo zomsebenzi wam, okanye kanene ingaba andinamveliso enokuthengiselwa ukuzivavanya? Sebenzisa iqhinga. Qaphela ukuba kupapasho lwakutsha nje obeluvela kubaphicothi-zincwadi behlabathi abakwaMoore Stephens, badwelise “izono ezisixhenxe ezingenakuxolelwa” ezibangela ukuwa kwamashishini. Ezo zono ziyasetyenziswa nakwezolimo. Ezinye zazo nazi: Akukho sicwangciso soshishino, inkcitho egqithiseleyo, ulawulo lwemisebenzi yeofisi olusilelayo, ulawulo olusilelayo lokuqukuqela kwemali esesandleni kunye nokungabikho kolawulo ngokubanzi. Yonke le miba kuxoxiwe ngayo kwiinyanga ezidlulileyo ezimbalwa kumanqaku ethu malunga nolawulo.

Ngaphandle kwazo zonke izinto ezinganiki themba malunga nokuba ngumlimi, liqaqambile lona ikamva lokufama. Abantu behlabathi bayanda – kufuneka ukutya okuninzi kwabantu abaninzi. Uyafuna nawe ukuba kweli kamva liqaqambileyo? Yeka ukukhalazela urhulumente, sebenza, zincele ngokwakho.

Inqaku linikelwe nguMarius Greyling, umbhali kwiPula Imvula. Ngohwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili aphamari usg@mccgacc.co.za.